

# INCWADI YEENDABA YAMALUNGU

**UHlelo oluLodwa | Novembha 2021**

## INKQUBO YENKXASO YOMNTU NGAMNYE EHAMBA NESABSIDI KARHULUMENTE ("FLISP")

**Lungu Elithandekayo**

Sibhekisa kulo mba ukhankanywe ngasentla apha kwaye sinqwenela ukukutHela gqabagqaba ngale nkqubo yoncedo ngesabsidi efunyanwa ngabantu abaqalayo ukuthenga izindlu, yona kuthiwa yinkqubo yenkxaso yomntu ngamnye ehamba nenkxaso-mali karhulumente, i-FLISP (finance linked individual subsidy programme).

Le nkqubo yokuncedwa ngesabsidi iya kufunyanwa kuphela ngabantu abangeniso yenyanga iyonke iphakathi kwama-**R3 501,00** nama-**R22 000,00**. Le sabsidi iqala kwi-**R121,626** ukuya kwi-**R27,960**, ngokuxhomekeke kwiikhrayitheriya zokufaneleka.

**Amalungu anqwenela ukwenza isicelo sokufumana isabsidi yemali, kufuneka afezekise ezi khrayitheriya zilandelayo ukuze afanelekele ukufumana i-FLISP:**

- Babe ngabemi baseMzantsi Afrika okanye abahlali abasisigxina nabaneSazisi saseMzantsi Afrika;
- Babe ngabaxhomekekileyo ngokwemali (umzekelo iqabane, abantwana);
- Ibe ngabo bangakhange baxhamle ngaphambili kuso nasiphi na iSikimu sikaRhulumente seSabsidi yeZindlu;
- Ibe ngabo baneMali-mboleko yeZindlu 'imvume ngokommiselo' evela kwiziko lezemali elivunyiweyo, ngeenjongo:
  - o zokuthenga indawo yokuhlala ekhoyo; okanye
  - o zokuthenga indawo yokuhlala engenamntu enenkonzo, ehambelana nekhontrakthi yomakhi wezindlu ebhalisiweyo kwi-NHBRC; okanye
  - o zokwakha ipropati kwisitandi sokuhlala esinenkonzo yomntu siqu, ngokusebenzisa umakhi wezindlu obhalisiweyo weNHBRC.

Isabsidi ye-FLISP inokusetyenziselwa kuphela iipropati zokuhlala kwiidolophu ezisesikweni, apho udluliselo lobunini kunye nokubhaliswa kwebhondi kunako ukurekhodwa kwi-Ofisi yoBhaliso lweePropati.

I-FLISP ifumaneka kuphela xa kudityaniswa nemali- mboleko yendlu eqinisekisiweyo okanye umbolekisi wemali mboleko yezindlu exhaswa ngumhlalaphantsi. Ilungu kufuneka lingene kwisivumelwano sokuthembisa nokuvuma ukuthenga, ngokuxhomekeke ekufumaneni inkxaso-mali kunye nemvume yeFLISP kwaye lifumane imvume enemiqathango evela kumbolekisi okhethwayo, onjengo-Iemas, FNB okanye naliphi na elinye iziko lezemali.

I-FLISP iya kuhlawulwa kuphela xa ubunini bepropati budluliselwe kwilungu kwaza kwabhaliswa nebhondi.

Amalungu kufuneka atyelele ii-ofisi zeSebe lokuHlaliswa koLuntu kufutshane needolophu okanye iindawo ahlala kuzo, ukuze enze isicelo sale sabsidi.

***Qaphela*** ukuba le nkqubo ayibonelelwa kwaye ayifumaneki ngeMWPF. Ukuba unqwenela ukufumana naluphi na olunye ulwazi okanye ukubuza eminye imibuzo malunga nale nkqubo, nceda uqhagamshelane ngqo neSebe lokuHlaliswa koLuntu. I-MWPF nayo ayikwazi ukubuza imibuzo egameni lamalungu. Injongo yolu nxibelelwano kukwazisa amalungu ngobukho bale nkqubo, kuba mhlawumbe kunokwenzeka ukuba anqwenele ukucinga ngokwenza isicelo sesabsidi yenkxaso-mali, ekufuneka senziwe kunye nesicelo esiya ku-Iemas, FNB okanye kulo naliphi na elinye iziko lezemali, ukulungiselela kwangaphambili ukuvunywa kwangaphambili nanjengoko kuchaziwe apha ngasentla.

## Le ngxowa-mali izibophelele kulawulo olungena siphako nolungena bumeneme.

**Nceda ulumkele ezi zenzo zobuqhetseba zithande ukuxhaphaka kungoku nje:**

- Abenzi bobuqhetseba bekufowunela nge selfowuni.

  ***Qaphela ukuba*** MWPF ufowuna nge nombolo ethi 010 100 3000, hayi nge nombolo ye selfowuni.

- Abenzi bobuqhetseba abazenza abasebenzi be-MWPF baze bacele amalungu ukuba azicime iiselfowuni zawo.

  ***Qaphela ukuba*** asiyo-MWPF leyo. Asisokuze sikucele ukuba ucime iselfowuni yakho nje mizuzu embalwa. Ukuba ucelwe ukuba wenze njalo, loo nto yixele ku- 010 100 3001 ngoko nangoko.

- Abenzi bobuqhetseba bakucele ukuba ungqine iinkcukacha zakho zasebhankini efowunini

  ***Qaphela*** i-MWPF, ayisokuze ikucele ukuba ungqine iinkcukacha zakho zasebhankini efowunini.

- Ukucelwa ukuba uhlawule intlawulo ethile ukuze kujongwe ukuba zikho na izibonelelo ongekazihlawulwa yi-MWPF.

  ***Qaphela*** abo bafuna ukujonga ukuba kukho naziphi na izibonelelo ezingekahlawulwa banokunxibelelana ngqo ne-MWPF kwaye abafuni mntu wesithathu. Asisokuze sicele abo babesakuba ngabasebenzi-mgodinii okanye abaxhamli ukuba basihlawule imali ukuze sijonge ukuba banazo na izibonelelo abangekazihlawulwa. I-MWPF ayifuni ntlawulo yokujonga ukuba umntu owayesakuba ngumsebenzi-mgodini unezibonelelo na angekazihlawulwa sithi .

Phaphama uxele naziphi na izenzo zobuqhetseba kwiziko lomnxeba le-MWPF ku 010 100 3001.

Ozithobileyo

______________

Frans Phakgadi
Igosa eliyiNtloko

I-Mineworkers Provident Fund
010 100 3001
clientservices@mineworkers.co.za

